



## Fall in love with reading!

Many people know that 14 February is Valentine's Day, but did you know that Library Lovers' Day and International Book Giving Day are also celebrated on this date each year? So, this year on 14 February, combine these three days into one celebration of love and reading by doing these things.

- ♥ Take your children to the library around 14 February to read their favourite stories and to find new ones they might enjoy.
- ♥ Spend time passing on your love of stories on 14 February by reading aloud to your children for a little longer than you usually do, or at a different time of day.
- ♥ Give each of your children a book as a Valentine's Day gift.
- ♥ Ask your children to select a book from their collection to pass on to another child on 14 February.




### 5 EASY WAYS TO HELP CHILDREN FALL IN LOVE WITH READING

1. **Make stories part of their daily routine.** Cuddle up next to your children to read or tell a story before they go to sleep every night. They will quickly learn to link reading and stories with love.
2. **Let them choose the book.** This helps them to be more interested in the story.
3. **Be a reading role model.** Let your children see you reading for enjoyment too. Our children learn more from watching what we do than from what we say!
4. **Make the story come alive.** Use expression in your voice to help create the mood of the story and use different voices for different characters.
5. **Read to them in the languages they know best.** To learn to love reading, you need to understand the words on the page. The easier it is for your children to understand the stories you read to them, the more they can relax and enjoy the stories.

### IINDLELA EZI-5 EZILULA ZOKUNCEDISA ABANTWANA UKUBA BABE NOTHANDO OLUSHUSHU LOKUFUNDA

1. **Yenza amabali abe yinxalenye yesiqhelo sabo semihla ngemihla.** Zisonge ecaleni kwabantwana bakho ukuze ubafundele okanye ubabalisele ibali phambi kokuya kulala qho ebusuku. Baya kukhawuleza bafunde ukudibanisa ukufunda, amabali nothando.
2. **Mabazikhethele incwadi.** Oku kubanceda ngokuthi umdla wabo uthi kratya ebalini.
3. **Yiba ngumzekelo omhle wokufunda.** Abantwana bakho mabakubone nawe ufundela ukuzonwabisa. Abantwana bethu bafunda phucukileyo xa bebukela esikwenzayo ngaphezu kwesikuthethayo!
4. **Yenza ibali liphile.** Tshintsha-tshintsha indlela olikhupha ngayo ilizwi ukudala umoya othile webali ngokunjalo utshintsha-tshintshe ilizwi xa ulinganisa abalinganiswa abahluka-hlukileyo.
5. **Bafunde ngeelwimi abazazi kakuhle.** Ukuze bafunde ukuthanda ukufunda, ufanele ukuwaqonda amagama akweli khasi. Xa abantwana bakho bekulandela okusemabalini obafundela wona, baya kuzola ngakumbi baze bawonwabele amabali.

## Thanda ukufunda ngothando olushushu!



Abantu abaninzi bayazi ukuba umhla we-14 kweyoMdumba luSuku lweValentine, kodwa ubusazi ukuba lowo ukwangumhla wokubhiyozela ngonyaka ngamnye uSuku lwabaThandi beLayibrari noSuku lokuNikelwa kweeNcwadi eHlabathini? Ngoko ke, kulo nyaka ngomhla we-14 kweyoMdumba, hlanganisa ezi ntsuku zontathu zibe ngumbhiyozo omnye wothando nokufunda ngokuthi wenze ezi zinto.

- ♥ Yisa abantwana bakho elayibrari ngomhla we-14 kweyoMdumba ukuze bafunde awona mabali bawathandayo baphinde bafumane namanye amatsha abanokuwathanda.
- ♥ Chitha ixesha udlulisela phambili uthando lwamabali ngomhla we-14 kweyoMdumba ngokubafundela ngokuvakalayo abantwana bakho ixesha elidana kunelo oqhele ukulichitha, okanye ngexesha elahlukileyo losuku.
- ♥ Nika umntwana ngamnye ebantwaneni bakho incwadi njengesipho soSuku lweValentine.
- ♥ Cela abantwana bakho ukuba bakhethe incwadi kwezo baziqokeleleyo ukuze bayinike omnye umntwana ngomhla we-14 kweyoMdumba.



### Children can't learn to love reading for enjoyment if ...

- ★ they don't have interesting books and stories around them.
- ★ no one ever reads to them.
- ★ they never see adults reading for enjoyment.
- ★ they are forced to read in a language they don't understand.
- ★ the only time they read, is when they are doing schoolwork or homework.

### Abantwana abanakuze bafunde ukuthanda ukufundela ukuzonwabisa xa ...

- ★ bengenazincwadi namabali anomdla abanokufikelela kuwo.
- ★ kungekho mntu okhe abafundele.
- ★ bengakhe babone abantu abadala befundela ukuzonwabisa.
- ★ benyanzelwa ukuba bafunde ngolwimi abangaluqondiyo.
- ★ lilinye kuphela ixesha abafunda ngalo, xa besenza umsebenzi wesikolo okanye umsebenzi wasekhaya.



Drive your  
imagination



IT STARTS WITH  
A STORY.  
KONKE KUALA  
NGBALI.

## Nal'ibali news

**On 6 October 2018, Nal'ibali won third prize at the African Union's Innovating Education in Africa Expo held in Dakar, Senegal. And guess what? Nal'ibali received this recognition for its bilingual reading-for-enjoyment supplement!**

The supplement is currently available in eight of South Africa's official languages and they are printed every second week during school term time. Teachers who receive the supplement say that the children cannot wait for "story week".

"We're really honoured to receive this continent-wide recognition," says Katie Huston, Head of Research and Innovation at Nal'ibali. "People often think that innovation has to mean new technology. The supplement shows that something really simple can have a huge impact."

Nal'ibali's award-winning supplement may be the answer to one of South Africa's biggest challenges: How do we get quality, affordable reading materials into our children's hands? Research has shown that children's reading ability is the thing that contributes the most to their success at school. But in South Africa, only 17% of our schools have libraries stocked with books, and very few homes have more than ten books in them.

"In South Africa, books are expensive and very few are printed in indigenous languages," explained Jade Jacobsohn, Managing Director of Nal'ibali.

"The supplement meets children where they're at, with quality, fun reading material in their home languages," added Huston. "This is important, because having a strong foundation in their home language helps children to learn additional languages, including English, and to succeed at school."

The supplement is a result of partners working together to get reading materials to children and the adults in their lives. It just shows that together we can give all our children the opportunity and support they need to become lifelong readers. Our innovative supplement has now been recognised by the African Union as a way to meet the goals of its Continental Education Strategy for Africa 2016–2025, and also of the United Nations Sustainable Development Goals.

## Iindaba zakwaNal'ibali

**Ngomhla wesi-6 kweyeDwarha ngo-2018, uNal'ibali ufumene ibhaso lendawo yesithathu kugqatso loHlaziyo lweMfundo kuManyano lweAfrika kwiAfrika Expo ebibanjelwe eDakar, eSenegal. Ungaqashisela phofu? UNal'ibali unconyiwe ngohlelo lwakhe lokufundela ukuzonwabisa ngeelwimi ezimbini!**

Olu hlelo lufumaneka ngoku ngeelwimi zaseburhulumenteni baseMzantsi Afrika ezisibhozo kwaye lushicilelwa qho kwiiveki ezimbini ngethuba lokuvulwa kwezikolo. Ootitshala abafumana uhlelo bathi abantwana bayakungxamela ukufika "kweveki yebali".


"Sineqhayiya ngokuwongwa leli lizwekazi ngokubanzi," utshilo uKatie Huston, iNtloko yoPhando noHlaziyo kwaNal'ibali. "Abantu bakholisa ukucinga ukuba uhlaziyo luthetha ubuchwepheshe obutsha. Uhlelo lubonisa ukuba into engathi ayinamsebenzi iyakwazi ukuba nefuthe elikhulu."

Uhlelo oselufumene iimbasa lwakwaNal'ibali lusenokuba yimpendulo komnye wemingeni eyiyona mikhulu yaseMzantsi Afrika: Zingabekwa njani ezandleni zabantwana bethu izinto zokufunda ezisemgangathweni nezizamaxabiso afikelekayo? Uphando lubonise ukuba isakhono sokufunda sabantwana sinelona futhe likhulu kwimpumelelo yabo esikolweni. Kodwa eMzantsi Afrika, yi 17% kuphela yezikolo zethu eneelayibrari ezineencwadi ezininzi, kanti akwambalwa kakhulu amakhaya aneencwadi ezingaphezu kwezilishumi.

"EMzantsi Afrika, amaxabiso eencwadi aphezulu kanti zimbaleka kakhulu ezishicilelwe ngeelwimi zesiNtu," uchaze watsho uJade Jacobsohn, uMbhaxeshi woLawulo lwakwaNal'ibali.

"Olu hlelo luhlangabeza abantwana kwindawo abakuyo, ngomsebenzi wodidi, ngezinto zokufundela ukuzonwabisa ezibhalwe ngeelwimi zabo zasekhaya," uqokele watsho uHuston. "Oku kubalulekile, kuba xa benesiseko esomeleleyo kwiilwimi zabo zasekhaya bayancedeka ekufundeni ngezinye iilwimi ezongezelelweyo, oko kuquka isiNgesi, nokuphumelela esikolweni."

Uhlelo olu lusisiphumo sentsebenziswano namaqabane ukuze kufunyanelwe abantwana nabantu abadala izinto zokufunda ebomini babo. Oku kubonisa ukuba xa sisebenzisana sinakho ukunika bonke abantwana bethu ithuba nenkxaso abayidingayo ukuze babe ngabantu abathanda ukufunda kulo lonke ithuba lobomi babo. Uhlelo lwethu lohlaziyo ngoku selwamkelekile kuManyano lweAfrika njengendlela yokuhlangabeza iinjongo zesiCwangciso-qhinga seMfundo selizwekazi sokulungiselela iAfrika sango-2016 ukuya kowama-2025, kanti luphinde lwamkelwa yiMiqqaliso yoZinzo loPhuhliso lweZizwe eziManyeneyo.



Drive your imagination

## Making stories part of school life

Let the children at your school experience storytelling and reading regularly as a part of their lives at school – not just in the classroom, but at other times too.



## Ukwenza amabali abe yinxalenye yobomi bemihla ngemihla besikolo

Bayalele abantwana esikolweni sakho ukuba bakonwabele ukubaliselwa amabali nokufundelwa amabali rhoqo njengenxalenye yobomi babo esikolweni – hayi eklasini kuphela koko nangamanye amaxesha.

### Before school

- Encourage parents and other caregivers to read and tell stories to children on their way to school. They can enjoy stories in all eleven languages on their cellphones at [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi).
- Create a space for picture books where older children who arrive at school early can sit with younger children and read stories to them.

### During school

- Turn at least one school assembly a month into a story-focussed one. Arrange for a staff member to tell a story, let a group of children act one out, or ask a class to share with the rest of the school what they have been doing to develop a love of reading.
- Use your school's intercom system for regular storytelling sessions. Teachers and older children can read or tell a story while the rest of the children enjoy listening to it in their classrooms.
- Organise fun book activities for break (interval) times. For example, have a book hunt. Photocopy the covers of about ten of the children's favourite books. On the back of each photocopy, write clues that tell everyone where they need to look to find the next hidden book cover. Then hide the book covers in different places in the playground and let the children have fun using the clues to find them all.
- Start a #Get-Caught-Reading campaign. Let the teachers on playground duty at break time use their cellphones to take photos of children they see reading during break. Print out the photos and display them on a notice board. Create your school's own special "I got caught reading" stickers using self-adhesive labels and give one to each child who is photographed!

### After school

- Make reading for enjoyment part of what children do after school too by starting a reading club at your school. You can find out how to do this in Story Power Guide 2, available at [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org).

### Phambi kokuqala kwesikolo

- Bakhuthaze abazali nabalondolazi babantwana ukuba bafundele abantwana amabali ukantii banokubabalisela amabali nasendleleni eya esikolweni. Banakho nokonwabela amabali ngeelwimi zolishumi elinanye ngokusebenzisa iifowuni zabo ngokuya ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi).
- Makubekho indawo apho kuginwa khona iincwadi zemifanekiso ukwenzela abo bantwana badadlana nabafika kuqala esikolweni, banokuhlala khona nabancinane babafundele amabali lawo kamnandi.

### Ngexesha lesikolo

- Guqula ixesha lokuthandaza lakusasa esikolweni ibe lixesha lokubalisa ibali, ubuncinane kanye enyangeni. Cela utitshala esikolweni ukuba abalise ibali, uyalele iqela labantwana ukuba lilinganise elo bali, okanye uyalele iklasi ukuba yabelane nesikolo sonke ngoko bakwenzayo ukukhulisa uthando lokufunda iincwadi.
- Sebenzisa umboko wokukhwaza osetyenziswa esikolweni ukubalisa amabali. Ootitshala nabantwana abadadlana banokufundela ibali okanye babalise ibali elixa abanye abantwana bonwabele ibali ngokuphulaphula beseziklasini zabo.
- Ququzelela imisebenzi engokuzonwabisa ngeencwadi eza kwenziwa ngexesha lekhefana esikolweni. Umzekelo, kungadlala umdlalo wokuzingela incwadi. Fotokopa amaqweqwe eencwadi ezimalunga nezilishumi ezithandwa kakhulu ngabantwana uze ngasemva kwefotokopi ubhale into esisikhokelo sokuba ubani unokulikhangela alifumane phi na iqweqwe lencwadi elilandelayo. Emva koko fihla amaqweqwe eencwadi kwiindawo ezahlukeneyo kwibala lokudlala uze uyalele abantwana basebenzise izikhokelo obanike zona ukukhangela bawafumane onke amaqweqwe eencwadi.
- Qalisa iphulo elithi #Ndihaqwe ndifunda incwadi. Yalela ootitshala ukuba xa bejikeleza kumabala okudlala ngexesha lekhefu besolusa abafundi, mabasebenzise iifowuni zabo ukuthwebula iifoto zabantwana abababone befunda. Printa ezo foto uze uzixhome kwibhodi yezaziso. Yenza nezitika zesikolo ezibhalwe, "Ndihaqwe ndifunda incwadi" usebenzise iileyibheli ezizincamathiselayo uze unike umfundi ngamnye ofotwe efunda!

### Ukuphuma kwesikolo

- Ukufundela ukuzonwabisa makwenziwe kube yinxalenye yoko bakwenzayo abantwana ukuphuma kwabo esikolweni ngokuba bakhuthazwe basungule iiklabhu zokufunda esikolweni. Indlela yokusungulwa kweklabhu yokufunda ifumaneka kwisikhokelo 2 seStory Power, esikwiwebhusayithi kaNalibali u-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org).


Make reading for enjoyment part of your school! For more information and guidance on how to do this, go to [www.storypoweredschools.org](http://www.storypoweredschools.org).



Yenza ukufundela ukuzonwabisa kube yinxalenye yesikolo sakho! Ukuba ufuna ulwazi oluthe vetshe kunye nesikhokelo sendlela yokwenza oku, ndwendwela ku-[www.storypoweredschools.org](http://www.storypoweredschools.org).

Putting stories at the heart of your school 📖 Beka amabali phambili esikolweni sakho

WIN!  
WINA!



For a chance to win some Book Dash books, write a review of the story, *Circles* (pages 5, 6, 7, 8, 11 and 12), and email it to [team@bookdash.org](mailto:team@bookdash.org), or take a photo and tweet us at [@bookdash](https://twitter.com/bookdash). Remember to include your full name, age and contact details.



Ukuze ufumane ithuba lokuwina iincwadi zakwaBook Dash, bhala uphengululo lwebali, elithi, *Izangqa* (kwiphepha le-5, 6, 7, 8, 11 ukuya kwele-12), uze ulithumele ngeimeyile ku-[team@bookdash.org](mailto:team@bookdash.org), okanye thatha ifoto uze uyithumele nge-tweet kuthi ku-[@bookdash](https://twitter.com/bookdash). Khumbula ukufaka igama lakho elipheleleyo, ubudala kunye neenkukacha zohagamshelelwano.

## Your story

We always love it when you send us things that you have written, drawn or painted!

Lorato Trok, an author and translator, sent us this piece of writing by her daughter. "My daughter, Oratile, always looks forward to the stories I translate, as I tell them to her every night at bedtime. Now she tries to write stories of her own. Here is one of them," she explained.

Oratile's story is about a boy called Jabulani who is playing with a lion that wants to eat him. Jabulani runs home and hides.



## Ibali lakho

Sikuvuyela qho ukufumana izinto osithumele zona ozibhalileyo, ozizobileyo okanye oziipeyintileyo!

Ulorato Trok, ongumbhali nomguquleli weelwimi, usithumele isiqendu esibhalwe yintombazana yakhe. "Intombi yam, uOratile uyathanda ukusoloko efuna amabali endiwaguquleleyo, njengoko ndimbalisela wona qho ebusuku ngexesha lokuya kulala. Ngoku uzama ukubhala awakhe amabali. Nali elinye lawo," uchaze watsho.

Ibali likaOratile limalunga nenkwenkwe ebizwa ngokuba nguJabulani odlala nengonyama efuna ukumtya. UJabulani uyabaleka agoduke aze azimele.

The story is about Jabulani.  
Jabulani is playing with the lion.  
The lion is eating Jabulani.  
Jabulani is running away.  
Lion wants to eat Jabulani.  
Jabulani is running away from the lion.  
The lion wants to eat Jabulani.  
Jabulani ran at home to hide.  
So the lion can't find him.



By Oratile Trok, 8 years old

Libhalwe nguOratile Trok, oneminyaka esi-8 ubudala

Here is a poem written by Kirsten Eagles. It is about how much she enjoys the Nal'ibali Supplement.

Nangu umbongo obhalwe nguKirsten Eagles. Uthetha ngendlela alonwabela ngalo uHlelo lukaNal'ibali.

### Send us your writing and pictures!

You can post them to: The Nal'ibali Supplement, The Nal'ibali Trust, Suite 17-201, Building 17, Waverley Business Park, Wycroft Road, Mowbray, 7700. Or email them to us at [info@nalibali.org](mailto:info@nalibali.org). Don't forget to include your full name, age and contact details so that we can contact you.

I love Nal'ibali

Because it is fun

And when my mommy goes to the shop

I always ask her to bring back one!

By Kirsten Eagles, 9 years old

Libhalwe nguKirsten Eagles, oneminyaka eli-9 ubudala

### Sithumele okubhalileyo kunye nemifanekiso!

Unakho ukuziposela apha: The Nal'ibali Supplement, The Nal'ibali Trust, Suite 17-201, Building 17, Waverley Business Park, Wycroft Road, Mowbray, 7700. Okanye uzithumele kuthi nge-imeyili apha [info@nalibali.org](mailto:info@nalibali.org). Ungalibali ukubhala igama lakho elipheleleyo, ubudala bakho kunye neenkukacha zonxibelelwano ukuze sikwazi ukuqhagamshelana nawe.


### Create TWO cut-out-and-keep books

#### Nice and clean

1. Tear off page 9 of this supplement.
2. Fold the sheet in half along the black dotted line.
3. Fold it in half again along the green dotted line to make the book.
4. Cut along the red dotted lines to separate the pages.

#### Circles

1. To make this book use pages 5, 6, 7, 8, 11 and 12.
2. Keep pages 7 and 8 inside the other pages.
3. Fold the sheets in half along the black dotted line.
4. Fold them in half again along the green dotted line to make the book.
5. Cut along the red dotted lines to separate the pages.



### Zenzele iincwadana EZIMBINI onokuzisika-ze-uzigcine

#### Mhle kwaye ucocekile

1. Krazula, ukhuphe iphepha le-9 lolu hlelo.
2. Lisonge phakathi ulandela umgcana ongamachaphaza amnyama.
3. Lisonge phakathi kwakhona ulandela umgcana ongamachaphaza aluhlaza ukwenza incwadi.
4. Sika ke ngoku ulandela imigcana yamachaphaza abomwu ukohlula amaphepha.

#### Izangqa

1. Xa usenza le ncwadi sebenzisa iphepha le-5, ele-6, ele-7, ele-8, ele-11, nele-12.
2. Faka iphepha le-7 nele-8 ngaphakathi kwamanye amaphepha la.
3. Wasonge la maphepha phakathi kumgcana ongamachaphaza amnyama.
4. Wasonge phakathi kwakhona ulandela umgcana ongamachaphaza aluhlaza ukwenza incwadi.
5. Sika ke ngoku ulandela imigcana yamachaphaza abomwu ukohlula amaphepha.






Kwiveki esemva kwaleyo, kwakusekukhule izityalo kwaye zidubula iintyantyambo. Ibhathane lairhabula kwezo ntyantyambo kanti isongololo laliphume emthunzi wazo.



The week after that, the shoots had grown tall and blossomed. A butterfly sipped at the flowers and a songololo rested in their shade.



Lots more free books at [bookdash.org](http://bookdash.org)

# Circles Izangqa

Alex Latimer  
Gordon Latimer  
Patrick Latimer

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)




UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendeliselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



Drive your imagination



Kwiveki elandelayo, batyela  
inyamakazi ehleyo. Isakhelo sayo  
samathambo sasicocekile simhlophe,  
kanti izityalo ezincinana zaziqalile  
ukukhula phakathi kwamathambo.



A week later, a pair of weavers was  
picking the leaves to build a nest. Bees  
were collecting pollen from the blossoms.  
And a spider had made her home between  
the buck's horns.





“Where do we leave all those things?”  
asked the little vulture.

“We leave them in our children and in  
our family and friends. You are already my  
green patch on earth, Little Vulture. And  
you will be, forever.”

“Sizishiya phi ezo zinto?” labuza  
ixhalanga elincinane.

“Sizishiya ebantwaneni bethu  
nakusapho lwethu nakubahlobo. Nangoku  
wena ulibala lam eliluhlaza emhlabeni,  
Xhalanga oMncinane. Kwaye uya kuba  
lilo, unaphakade.”





Kwiveki elandelayo, iintaka ezibizwa ngokuba ziiwiva zazisiphula amagqabi ukuze zakhe iindlewane. Inyosi zaziqokelela ipholeni kwintyatyambo ezidubuleyo. Kananjalo isigcawu sasakhe ikhaya laso phakathi kweempondo zenyamakazi.



The next week, they visited the dead buck. Its skeleton was clean and white, and tiny plants had started to grow between the bones.

On a cliff there lived a young vulture with his mother.

Phezu kweliwa kwakuhlala ixhalanga eliselula nomama walo.





“Ndiyazi,” watsho unina. “Ukufa yinto enzima, kwaye ebuhlungu kakhulu. Kodwa kuphinda kube kuhle.”  
 “Ayikho loo nto,” latsho ixhalanga elincinane. “Phu.”  
 “Khawulinde,” watsho. “Siza kuphinda sibuyele apha kamsinyane kwaye uza kubona.”



And the week after that, they saw a young gemsbok nibbling the tasty shoots.

“It is not just our bodies we leave behind when we die,” said the mother vulture. “We also leave our lessons and our love and our memories.”



“Asiyomizimba yethu kuphela esiyishiyayo xa sisifa,” latsho ixhalanga elingumama. “Siphinda sishiye izifundo zethu uthando lwethu neenkumbulo zethu.”



Sisebenzisa ntoni ukuhlamba imizimba yethu? Amanzi  
acocekileyo nesepha. Masidlale ngamaqamza!



What do we use to wash ourselves?  
Clean water and soap. Let's play  
with bubbles!

Emva kokuba sityile? Sihlamba izandla zethu,  
sibrashe amazinyo ethu!



And after we've eaten? We wash  
our hands and brush our teeth!



Reproduced by kind permission of The Little Hands Trust  
and the Project for the Study of Alternative Education in  
South Africa (PRAESA). To find out more about PRAESA,  
go to [www.praesa.org.za](http://www.praesa.org.za).

Ipapashwe ngokutsha ngemvume yabakwaThe Little Hands  
Trust neProject for the Study of Alternative Education in South  
Africa (iPRAESA). Ukuze ufumane ulwazi oluthe vetshe  
ngabakwaPRAESA, ndwendwela ku-[www.praesa.org.za](http://www.praesa.org.za).



Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment  
campaign to spark and embed a culture of reading  
across South Africa. For more information, visit  
[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa  
elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendeliselisa inkcubeko  
nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze  
ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela  
ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



# Nice and clean Mhle kwaye ucocekile



Tesfaye G. Mariam  
Alzette Prins  
Xolisa Guzula

Qashela ukuba senza ntoni phambi kokuba  
sitye? Sihlamba izandla zethu!



Before we eat, guess what we do? We wash  
our hands!




Everybody needs to  
wash. What do we  
wash? Our hands and  
face and body too!

Wonke umntu kufuneka  
ahlambe. Sihlamba ntoni?  
Izandla zethu nobuso  
kunye nomzimba!




Now everybody's nice and clean!



Wonk' umntu mhle kwaye ucocekile!



Kanti kwiveki elandela leyo,  
babona ijemshokhwe encinane  
isitya izityalo ezinencasa.



“I know,” said his mother. “Death  
is very difficult, and very sad. But it  
is also beautiful.”  
“No ways,” said the young  
vulture. “Yuck.”  
“Just wait,” she said. “We will  
come back here soon and you  
will see.”

The two of them flew back to their nest  
high up on the cliff.



Bobabini babhabha bebuyela kwindlwane  
yabo phezulu eliweni.

When he was old enough to fly,  
his mother took him high into the air  
and they circled together, watching the  
ground below.

“I want to show you something  
beautiful,” she told her son.


Lithe lakuba likhulu ngokwaneleyo  
ukuba lingabhabha, umama walo  
walikhokelela phezulu emoyeni baze  
bajikeleza kunye, bebuka umhlaba  
ongezantsi kwabo.

“Ndifuna ukukubonisa into entle,”  
utshilo kunyana wakhe.

Ngokuqinisekileyo inyamakazi  
 Omabini amaxhalanga abhabhela ezantsi.  
 “Asiyonto intle le,” latsho ixhalanga  
 eliselula kumama walo. “Imbi le nto!”




Sure enough, the buck collapsed right  
 there and died. The two vultures flew down.  
 “This isn’t beautiful,” said the young  
 vulture to his mother. “This is horrible!”



They saw an old gemsbok  
 staggering through the heat.  
 “Look there. That gemsbok  
 won’t last long.”

Babone ijembhokhwe  
 igxadazeliwa bubushushu.  
 “Jonga phaya. Laa jembhokhwe  
 ayinakunyamezela ixesha elide.”



“Uyabona?” latsho ixhalanga elingumama.  
 “Khangele ubomi obunike yinyamakazi enye  
 kuphela. Inike isigcawu ikhaya kunye nendlwane  
 kwiwiva, yondle iinyosi namabhathane,  
 yanika isongololo ikhusi yaze yanceda  
 nesizukulwana esilandelayo seenyamakazi  
 ukuze sikhule somele.”  
 Ixhalanga eliselula lancuma.

“Well?” said the vulture’s mother. “Look  
 at the life one buck has given. He has given a  
 spider a home and weavers a nest, fed bees and  
 butterflies, sheltered a songololo, and helped the  
 next generation of buck grow strong.”  
 The young vulture smiled.



## Get story active!

Here are some activities for you to try. They are based on all the stories in this edition of the Nal'ibali Supplement: *Circles* (pages 5, 6, 7, 8, 11 and 12), *Nice and clean* (pages 9 and 10) and *Lolo fixes the internet* (page 14).



## Yenza ibali linike umdla!

Nantsi imisebenzi ofanele ukuyizama. Isekwe kuwo onke amabali akolu shicilelo loHlelo lukaNal'ibali: *uzangqa* (iphepha le-5, 6, 7, 8, 11 ukuya kwele-12), *Mhle kwaye ucocekile* (iphepha le-9 nele-10) nelithi *uLolo ulungisa i-intanethi* (iphepha le-15).

### Circles

Even though it is hard when someone we love dies, we always carry a piece of them in our hearts. In the heart below, draw something that reminds you of a loved one who has died. Include a message too, if you would like to.



### Izangqa

Nangona kubhulungu xa kusweleka umntu esimthandayo, sisoloko sinento yabo esiyifaka ezintliziyweni zethu. Entliziyweni engezantsi, zoba okuthile okukukhumbuza umntu obumthanda oswelekileyo. Fakela nomyalezo, ukuba uyathanda.



### Nice and clean

- ★ Write a funny story about slippery soap and washing.
- ★ Draw a picture of yourself when you are dirty, and then a picture of yourself once you are nice and clean again. Use your pictures to tell a story about what happened to make you so dirty and then how you got nice and clean!



### Mhle kwaye ucocekile

- ★ Bhala ibali elihlekisayo ngesepha empunyumpunyu nokuhlamba.
- ★ Zoba umfanekiso wesiqu sakho xa ungcollile, uphinde ube nomfanekiso wakho wakuba uphinde wabukeka futhi wacoceka. Sebenzisa imifanekiso yakho ekubaliseni ibali ngento ebiyenzekile ebibangele ukuba ungcole kangako nokuthi wenze njani ukuze ubukeke futhi ucoceke!

### Lolo fixes the internet

Have you done something you are proud of? Create a certificate of achievement to congratulate yourself – and then display it where everyone can see it!



### ULolo ulungisa i-intanethi

Ingaba wenze into oneqhayiya ngayo? Yenza isatifikethi sempumelelo sokuzivuyela – wandule ukusibeka apho wonke umntu anokusibona khona!





# Lolo fixes the internet

By Kgosi Kgosi ■ Illustrations by Vian Oelofsen



Lolo was a clever little girl who lived in the village of the Batswana people. This beautiful village was like no other in the world. The people there were really clever and they were ahead of their time. Lolo was the smartest of them all.

In Lolo's village, the internet was the most important tool. If you visited the village, you'd find school children using their computer tablets to find the information they needed to finish their schoolwork. Many people had cars that could fly and they controlled these cars by using the internet. People used the internet for EVERYTHING!

And then one day – *POOF!* Suddenly the internet was gone. Everyone thought that maybe it had gone down for a while and that it would work again later, but they were wrong.

The king and queen of the village made an announcement on the community radio and television stations. They said that the internet would be down for a long time. Everyone in the village was shocked. Lolo watched in amazement as every child in her school panicked.

"Our lives are over!" shouted one of her friends grabbing Lolo by her shoulders.

One of Lolo's teachers ran out of the classroom, grabbed her arm and said, "Do something, Lolo! You are the clever one." Then the teacher ran off crying.



Lolo could not understand what the fuss was about. "Everyone is behaving as if the world is coming to an end!" she thought. She decided that the next day she would pay the king and queen a visit to find out about the problem.

When Lolo arrived at the Royal House, she was welcomed with a glass of warm milk and a plate of chocolate chip biscuits. Lolo ate some of the biscuits while she waited for the king and queen. They were the best biscuits she had ever tasted.

The king and queen arrived and greeted Lolo. They began to talk about the problem in the village. The queen explained that their ministers had found out that the problem was with a satellite that was far, far away – all the way up in space!

"So," said the queen, "it is not just our village, but the whole world that does not have the internet." The queen then held Lolo's hand and said, "My child, we are looking for someone really clever to get into the royal spacecraft, travel into space and fix the satellite."

"Lolo," said the king, "you are the only person for the job! If you do this, you will be doing the whole world a favour."

Lolo felt excited and nervous all at the same time. She had read that going into space was a dangerous thing to do, but she agreed to go.

For days, the little girl worked alongside the space crew to prepare for this special mission. She learnt how to fly and control the spacecraft and she learnt how to float in space. Soon Lolo was ready to fly off into space.

On the day that Lolo left, everyone was there to watch. People threw flowers at her for good luck. Others sang songs of encouragement. Lolo felt so loved.



Lolo climbed into the spacecraft and all the technicians turned the engines on. Moments later, the spacecraft left earth. After flying for what seemed like a long, long time, the spacecraft landed at the space station. Lolo could see the satellite from the window. She contacted the king and queen using a special type of radio to let them know that she had arrived safely. Everyone at home celebrated and her parents were especially happy to know that their daughter was alive and well.

But the mission didn't go quite as planned. For days Lolo struggled to work out what the problem was. She knew that the success of the mission was in her hands and she didn't want to let everyone down. Eventually the space team's food and water began to run out. The mission had become very difficult, but still the clever little girl kept working and working, until one day ... she had worked it all out! One of the cables on the satellite had burnt out and needed to be replaced. Once Lolo had done that, the internet was back! Everyone in her village and all over the world celebrated.

After a hard, but successful mission, Lolo returned home. She was a hero! The king and queen were so proud of her that they gave her a medal of honour and named their next child after her.



## ULolo ulungisa i-intanethi

Libali likaKgosi Kgosi Imifanekiso izotywe nguVian Oelofsen



ULolo wayeyintombazana encinane ekrelekrele eyayihlala elalini yabantu abangaBatswana. Kwakungekho lali intle njengaleyo ehlabathini. Abantu babekrelekrele ngenene kwaye belihambela phambili ixesha. ULolo wayengoyena ukrelekrele ngaphezu kwabo bonke.

Elalini kaLolo, i-intanethi yayisesona sixhobo sibalulekileyo. Xa undwendwele kule lali, ubufumana abantwana besikolo besebenzisa iithablethi zabo eziziikhompyutha befuna ulwazi abaludingayo ukuze bagqibezele umsebenzi wabo wesikolo. Abantu abaninzi babeneemoto ezazikwazi ukubhabha kanti babezilawula ezi moto ngokusebenzisa i-intanethi. Abantu bebesebenzisa i-intanethi ngayo YONKE INTO!

Kodwa ngenye imini – *YHO!* Ngesiqophe yasuka yanyamalala i-intanethi. Wonke umntu wacinga ukuba mhlawumbi ihambe okwethutyana kwaye iya kubuya isebenze kwakhona ethubeni, kodwa babesenza impazamo.

Ukumkani nokumkanikazi belali benza isaziso kwirediyo yoluntu nakwizikhululo zikamabonakude. Bathi i-intanethi ayizi kubakho kwithuba elide. Wonke umntu elalini wothuka. ULolo wayemangalisiwe kukubona wonke umntwana esikolweni sakhe exhalabile.

“Kuphelile ngobomi bethu!” wakhwaza omnye wabahlobo ebamba uLolo emagxeni.

Omnye wootitshala bakaLolo wabaleka waphuma eklasini, wambamba ngengalo wathi, “Yiba nento oyenzayo, Lolo! Nguwe okrelekrele kakhulu.” Ootitshala babaleka belila.



ULolo wayengabuqondi obu buphakuphaku ukuba bubangelwa yintoni. “Wonke umntu ubonakala eziva ngathi ihlabathi liya esiphelweni!” wacinga ngolo hlobo. Wenza isigqibo sokuba ngemini elandelayo wayeza kutyelela ukumkani nokumkanikazi ukuze kufunyaniswe ingxaki nesisombululo.

Wathi akufika kwiBhotwe leKomkhulu uLolo, wamkelwa ngeglesi yobisi olufudumeleyo nepleyiti yemiqhathane enamasuntswana etshokolethi. ULolo watya eminye imiqhathane ngelixa esalinde ukumkani nokumkanikazi. Yayiyeyona miqhathane imnandi wakhe wayingcamla.

Ukumkani nokumkanikazi babulisa uLolo. Baqala bathetha ngengxaki eselalini. Ukumkanikazi wachaza ukuba amaphakathi abo amfumanisile unobangela wengxaki ukuba ukwisixhobo esisemajukujukwini nesikude kakhulu, kude phaya – phezulu kakhulu emajukujukwini!

“Ngoko ke,” watsho ukumkanikazi, “asiyolali yethu kuphela, kodwa lonke ihlabathi alinaintanethi.” Ukumkanikazi ke wabamba uLolo ngesandla wathi, “Mntwana wam, enyanisweni sifuna umntu okrelekrele ngenene ukuba angene kwisiphekepheke sasemajukujukwini sekomkhulu ukuze aye emajukujukwini ukuya kulungisa isixhobo seintanethi.”

“Lolo,” watsho ukumkani, “nguwe kuphela umntu onokuwenza lo msebenzi! Ukuba uyakwenza oku, uya kuba uncede lonke ihlabathi.”

ULolo waziva enegugu kodwa othukile ngaxeshanye. Wayevile ukuba ukuya emajukujukwini yeyona nto iyingozi inokwenziwa ngumntu, kodwa wavuma ukuya.

Kwithuba leentsuku, intombazana encinane yasebenza kunye neqela elisebenza emajukujukwini ilungiselela eli phulo lohlobo olulodwa. Wafunda ukubhabha nokulawula isiphekepheke sasemoyeni waze wafunda ukusebenzisa umgaqo wokubhabha. Msinyane uLolo wayelungele ukubhabhela emajukujukwini.

Ngemini awahamba ngayo uLolo, wonke umntu wayelapho ebukele. Abantu babephosela iintyatyambo kuye bemnqwenelela ithamsanqa. Abanye babecula iingoma zenkuthazo. ULolo waziva ethandwa kakhulu.



ULolo wangena kwisiphekepheke aze onke amagcisa obuchule aqhuba iinjini. Kwithutyana elifutshane, isiphekepheke sawushiya uMhlaba. Emva kokubhabha iithuba elide, elide kakhulu, isiphekepheke sagaleleka kwisikhululo sesiphekepheke. ULolo wasibona isixhobo ngefesitile. Waqahagamshelana nokumkani kunye nokumkanikazi ngokusebenzisa uhlobo olulodwa lwerediyo ukuze abazise ukuba ufike kakuhle. Wonke umntu ekhaya wayonwabe kakhulu ngokunjalo nabazali bakhe babechwayite kakhulu ukwaziswa ukuba intombazana yabo iphilile futhi yonwabile.

Kodwa uhambo aluqhubanga ngendlela ebelucwangciselwe ngayo. Zibe liqela iintsuku uLolo engayichani kakuhle ukuba iphi ingxaki. Wayesazi ukuba impumelelo yohambo yayisezandleni zakhe kwaye wayengafuni kubaphoxa abantu. Kwacaca ethubeni ukuba iqela lasemajukujukwini laliphelelwa kukutya namanzi. Uhambo lwalunzima kakhulu, kodwa intombazana encinane ekrelekrele yaqhuba ngokusebenza, isebenza, yade ngenye imini ... yalifumana iqhinga! Enye ikheyibhile kwisixhobo yayitshile futhi ifuna ukususwa kufakwe enye. Akuba ekwenzile oko uLolo, yabuya i-intanethi! Wonke umntu elalini yakhe nakulo lonke ihlabathi wabhiyoza.

Emva kwephulo ebelinzima naxa belinempumelelo, uLolo wagoduka. Wayeliqhawe! Ukumkani nokumkanikazi babe negugu ngaye bade barnika imbasa yesithwalandwe futhi bathiya usana lwabo olulandelayo ngaye.

# Nal'ibali fun



# Okokuzonwabisa kwakwaNal'ibali

## 1. Read this story and then look at the picture.

One hot summer's day, Gogo decided to take Neo, Bella and Mbali to the beach. Bella didn't want to leave Noodle at home, so he came too!

As soon as they got to the beach, Gogo put up a purple and red umbrella to give them some shade. But Bella wasn't interested in sitting under an umbrella – she wanted to build a sandcastle for a queen!

"Put on your new red sunhat if you're going to play in the sun," said Gogo.

First, Bella spent time collecting sand and seashells in her green bucket. Then she spent time digging and building. She didn't stop until she had finished the sandcastle, even though it was very hot in the sun!

Neo decided that he wanted to read and so he settled down under the umbrella. He was so busy reading that he forgot to take off his sunglasses and sandals.

"Why is it so dark at the beach today, Gogo?" he asked. "I can hardly see the pictures in my book."

"Well, if you took off your sunglasses, it might help you see better!" laughed Gogo.

Mbali, who always copies her big brother, sat down next to Neo and started to read his book about dogs. But being at the beach is tiring when you are two years old and it wasn't long before she fell fast asleep with the book over her face and her teddy bear next to her on the towel.

And what did Noodle do? He decided that he wanted to surf!



## Funda eli bali uze ujonge emfanekisweni.

Ngolunye usuku olwalushushu lwasehlotyeni, uGogo wenza isigqibo sokuya noNeo, uBella noMbali elunxwemeni lolwandle. UBella wayengafuni kumshiya ekhaya uNoodle, ngoko ke wahamba nabo naye!

Kwangoko bakuba befikile elunxwemeni, uGogo wagxumeka isambreli esinombala omthubi nobomvu ukuze bafumane umthunzi. Kodwa uBella wayengenamdlala wokuhlala emthunzini wesambreli – wayefuna ukwakhela ukumkanikazi ibhotwe lesanti!

"Thwala umnqwazi wakho welanga omntsha obomvu xa ufuna ukuya kudlala elangeni," watsho uGogo.

UBella waqala ngokuchitha ixesha eqokelela isanti kunye noonokrwece nge-emele yakhe eluhlaza. Emva koko uphinde wachitha ixesha esemba futhi esakha. Zange ayeye ukusebenza wade wagqiba ukwakhela ibhotwe lesanti, nangona laligqatse kakhulu ilanga!

UNeo wenza isigqibo sokuba ufuna ukufunda waze waya kuhlala emthunzini wesambreli. Wayexakeke kangako ngokufunda wade walibala ukukhulula iindondo zelanga neembadada zakhe.

"Kutheni kumnyama kangaka elunxwemeni namhlanje, Gogo?" wabuza. "Andiyiboni kakuhle imifanekiso esencwadini yam."

"Kaloku, xa ubunokukhulula iindondo zakho zelanga, mhlawumbi ungabona phucukileyo!" wahleka uGogo.

UMbali, othanda ukulinganisa okwenziwa ngumntakwabo omkhulu, wahlala ecaleni likaNeo waze waqalisa ukufunda incwadi yakhe ethetha ngezinja. Kodwa ukuhlala elwandle kuyadina xa useneminyaka emibini ubudala yiloo nto kungazange kube lixesha elide phambi kokuba alale incwadi igqume ubuso bakhe yena unodoli wakhe esecaleni kwakhe phezu kwetawuli.

UNoodle yena ebesenza ntoni? Wenze isigqibo sokuba ufuna ukuya kutyibiliza phezu kwamaza olwandle!

## 2. Can you find 6 places where the story doesn't match the picture?

## Ingaba uyazifumana iindawo ezi-6 apho ibali lingahambelaniyo nomfanekiso?

## 3. What do you think happens next in the story? Use the lines below to continue the story.

## Ucinga ukuba yintoni eza kwenzeka ngoku ebalini? Sebenzisa imigca elandelayo ukuze uqhube ibali.

---



---



---



---



---



---

**Answers:** 1. Purple and red umbrella, red sunhat, green bucket, sandals, a book about dogs, teddy bear on the towel  
**!Impendulo:** 1. Isambreli esimthubi nabomvu, umnqwazi welanga obomvu, imele eluhlaza, imbadda, incwadi ethetha ngezinja, unodoli uphezu kwetawuli



Nal'ibali is here to motivate and support you. Contact us by calling our call centre on 02 11 80 40 80, or in any of these ways:

AbakwaNal'ibali bakhona ukuze bakunike inkuthazo nenkxaso. Nxibelelana nathi ngokufonela iziko lethu leminxeba ku-02 11 80 40 80, okanye nangayiphi na enye kwezi ndlela zilandelayo:

[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)

[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)

[nalibaliSA](https://www.facebook.com/nalibaliSA)

[@nalibaliSA](https://twitter.com/nalibaliSA)



Produced for Nal'ibali by the Project for the Study of Alternative Education in South Africa (PRAESA) and Tiso Blackstar Education. Translation by Kholisa Podile. Nal'ibali character illustrations by Rico.

Daily Dispatch

The Herald

Sunday Times

Sowetan  
IN THE KNOW ON THE MOVE.



Drive your imagination

